


**Mongameli  
Henry B. Eyring**

UMcebisi WokuQala  
kooMongameli BokuQala beCawa



# Uxolo kobu Ubomi

**K**ubo bonke abantu abaze emhlabeni, uMsindisi wathi, “Ehlababathini niya kuba nembandezelo” (UYohane 16:33). Kodwa wanika abalandeli bakhe esisithembiso ngexesha esaphila emhlabeni: “Ndishiya uxolo kuni; ndininika uxolo lwam; andininiki njengokuni-ka kwehlabathi” (UYohane 14:27). Luyathuthuzela ulwazi lento yokuba esisithembiso soxolo, siyaqhubekeka kubo bonke abalandeli bakhe nakweli ixesha.

Abanye bethu bahlala kwindawo ezintle kwaye ezinoxolo, kodwa ngaphakathi ezintliziyweni zethu asinalo uxolo. Abanye bayaluva uxolo nokuthula obupheleleyo phakathi kokulahlekelwa, ubuhlungu, neembandezelo.

Umhlambi wakhe wawubona umqondiso woxolo ebusweni bomlandeli kaYesu Krestu okanye wava amazwi athethwa ngulomlandeli. Sekhe ndayibona kaninzi. Ngamanye amaxesha kubasesibhedlele apho usapho lungqunge isicaka sikaThixo esikufuphi ekufeni.

Ndiyakhumbula ndiyokubona elinye ikhosikazi phambi kokuba lisweleke ngenxa yesifo somhlaza. Ndandihamba neentombi zam ezimbini ngenxa yokuba elikhosikazi linokulunga, lalingutisharakazi wabo enkonzweni, besebancinci.

Usapho lwakhe lwalungqunge ibhedi wayelile kuyo, benqwenela ukubanaye kwimizuzu yakhe yokugqibela emhlabeni. Ndothuka ukuba wayezihlelele ebhedini. Wolulela ingalo yakhe kwiintombi zam, wasazisa kusa-pho lwakho. Wathetha ngeentombi zam njenga bantu

ababaluleke kakhulu. Wayene ndlela yakhe yokuthetha into ngomntu ngamnye emenza umlandeli kaYesu owayekulekamere. Ndisakhumbula amandla, uthobeka nothando olaluselizwini lakhe. Ndiyakhumbula ndisothuswa luncumo lwakhe nangona eyazi into yokuba ixesha lakhe lokuphila eliseleyo lifutshane.

Wayeyifumene intsikelelo yababingeleli, kodwa wasinika ubungqina bento yokuba isithembiso seNkosi soxolo siyinyani: “Ezi zinto ndizithethile kuni, ukuze nibe noxolo kum. Ehlabathini niya kuba nembandezelo; yomelelani mna ndiloyisile ihlabathi” (UYohane16:33).

Wayelamkele ubuzo lukaYesu, njengokuba nathi sinokwazi, nokuba zeziphi imbandezelo nenxwaleko esinazo: “Yizani kum nonke nina nibulalekayo, nisindwayo ngumthwalo, ndoninika ukuphumla.

“Thabathani idyokhwe yam niyithwale, nifunde kum; ngokuba ndinobulali, ndithobekile ngentliziyo; noyifumanela ukuphumla imiphefumlo yenu” (UMateyu11:28–29).

Kukwangokulandela uMsindisi apho sinofumana uxolo nenzolo kwimbandezelo zethu ezizayo.

Imithandazo yomthendeleko isinceda ukufumana uxolo phakathi kwenxwaleko zobomi. Xa sifuna umthendeleko, sisenokuzimesela ukuba zizokuyigcina iiminqophiso yethu njenga balandeli Bakhe.

Sithembisa ukusoloko simkhumbula uMsindisi. Ungakhetha ukuMkhumbula ngendlela esondelisa intliziyo yakho Kuye. Ngamanye amaxesha ndibanomfanekiso

wakhe eguqile eGetsemane okanye ndimbone ebiza uLazarus esithi makaphume engcwabeni. Xa ndinalemifanekiso, ndiziva ndisondele Kuye kwaye ndinombulelo ozisa uxolo entliziyweni yam.

Uthembisa ukuba uzokuyigcina imithetho yakhe. Uthembisa ukuthabathela igama lakhe kuwe kwaye ubelinqina lakhe. Yena uthembisa ukuba xa ugcina iiminqophiso oyenzileyo Naye, uMoya oyiNgcwele uzoba nawe. (Bona Imfundiso neMinqophiso 20:77, 79.)

Lento izisa uxolo ngeendlela ezimbini. Umoya oyiNgcwele usihlamba esonweni ngenxa yesicamagushelo sikaYesu Krestu. Kwaye uMoya oyiNgcwele angasinika uxolo oluthi silufumane ngokungqinwa kuThixo nokuba nethemba lobomi obungunaphakade.

Umpostile uPawulosi wakhe wathetha ngalentsikelelo: “Ke sona esoMoya isiqhamo luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali” (Kumagalati 5:22).

Ngexesha iingelosi zezulu zisazisa ngokuzalwa kukaYesu, zathi, “Uzuko kuThixo enyangweni, *uxolo* emhlabeni” (ULuka 2:14; emphasis added). Njenge ngqina likaYesu Krestu ndiyangqina ukuba uBawo noNyanga wakhe oyiNtanda bangasithumela uMoya OyiNgcwele ukuze sifumane uxolo kobu ubomi nokuba zeziphi izinto esihlangana nazo nabo sibathandayo.

---

## UKUFUNDISA NGALO MYALEZO

UMongameli Eyring ufundisa ukuba imthandazo yomthendeleko ingasinceda siyazi ukuba uxolo lufumaneka njani ngexesha lobunzima. Isikhumbuza ukuba xa sigcina iminqophiso yethu, sinesithembiso sikaThixo ukuba uMoya oyiNgcwele uzokuba nathi. Cingisisa ngokuxoxa nabo ubafundisayo ukuba ubanoMoya oyiNgcwele kusinika njani uxolo. Unganikeza iingcinga zakho okanye into eyabangela uMoya oyiNgcwele ukungcede uve uxolo ngexesha lobunzima. Ungakuthaza abo ubafundisayo bawuphonononge lomyalezo ngexesha lomthendeleko kuleveki.

## ULUTSHA

### Uzakumkhumbula Njani UmSindisi kule Veki?

UMongameli Eyring usikhuthaza ukuba “sikhethe ukuMkhumbula [uMsindisi] ngendlela esondelisa intliziyo yethu Kuye.”

Uhlala “[u]soloko [u]Mkhumbula” njani evekini (bona Imfundiso neMinqophiso 20: 77, 79)?

Ingaba unayo ivesi oyithandayo ngoMsindisi? Ungakhetha iivesi ezahlukeneyo mini nganye yeveki uze uzixoxe nabanye.

Ingaba uyalicula icula okanye ingoma elungileyo xa uziva unomoya ophantsi? Umhlawumbi ungakhetha iculo elithetha ngoMsindisi kuleveki.

Ingaba uyabuphonononga ubomi boMsindisi kunye nesicamagushelo sakhe phakathi evekini? Ungazilungiselela ufuma umthendeleko ngokuthi ucinge zonke izigqibo ozenzileyo phakathi evekini ezibonisa uku-khumbula uMsindisi kwaye uguquke kumaxesha othe wasokola ukumkhumbula.

Uyawathandazela amathuba okwabela ngevangeli mini nganye? Kuleveki zama ukubanexoxo yevangeli enxulumane noMsindisi. Unga nikeza ngobungqina bakho ngoMsindiso ngexesha losapho okanye uthethe nesihlobo ngexesha lakho ubulichithe enkonzweni.

Kuleveki ibanenjongo zokukhumbula uMsindisi ngohlobo olukhethekileyo. Xelela umzali, umtana wakowenu, inkokheli okanye isihlobo ngenjongo yakho. Ukuphela kweveki baxebele ukuba kwenzeke ntoni. Uzokuva oluxolo nolulonwabo umongameli Eyring bethetha ngalo.

## ABANTWANA

### Yizani Kuye

UMsindisi usithembise uxolo xa sisiza kuye (UMateyo 11: 28). Lento ithetha ukulandela umzekelo wakhe nokuzisondenza kuye.

- Yibane nzolo ngexesha lomthendeleko.
- Ketha ukuba nobubele.
- Funda ngoMsindisi wehlabathi kwizibhalo ezingcwele.



# Usapho Lufumana Uvuyo Ngobulingisa

*Funda ngokuthandaza ezizinto kwaye uphandele impembelelo yokuba yintoni na onokuyaba. Ukuqonda banzi "USapho: Isibhengezo kulo iHlabathi" kuza kulwandisa njani ukhohlo lwakho kuThixo kwaye kubasikelele njani abo ubagadisiweyo ngokubafundisa ngokubandwendwela? Ngenkcukacha ethe vetshe, yiya ku [www.reliefsociety.lds.org](http://www.reliefsociety.lds.org).*

**Ukhohlo, Usapho, Uncedo**

UThixo "useke iintsapho uku-zisa ulonwabo ebantwaneni Bakhe, wabavumela ukuba bafunde imigaqo elungileyo kwindawo enothando, kwaye asilungiselele ubomi obungunaphakade."<sup>1</sup> "[Nge]l cebo elikhulu lovuyo" likaThixo (Alma 42:8), uMongameli Russell M. Nelson, Mongameli wabapostile abalishumi elinesibini, wathi: "Iplani ingqina ukuba amadoda namakhosikazi bakho 'ukuze bafumane uvuyo' [2 Nifayi 2: 25]. Olo vuyo luza xa sikhetha ukuphila nge cebo likaThixo elingunaphakade."<sup>2</sup>

Ikhaya elizingqunge kuKrestu livula amathuba amanzi okuphumelela. Umdala uRichard G. Scott (1928-2015) wabapostile abalishumi elinambini walicacisa elikhaya njenge ndawo "apho ivangeli ufundiswayo, imiqondiso igcinwayo, enothando olubonakalayo," apho iintsapho zinophila "ubomi bokuzithoba" abe "neengcambu ezinzulu kwivangeli kaYesu Krestu."<sup>3</sup>

UMongameli Henry B. Eyring, Isekela lokuQala kwisiMongameli SokuQala seCawa, wathi:

"Singakhetha ukuba sizokwenza ntoni ukuhlisa amandla ezulu kusapho lwethu." Kwaye sisenoku xuma uthando, uncedo, ukuthobeka, novuyo emakhayeni ethu ngokuthi "abantwana beve ilizwi likaThixo babenokuli zama ngokhohlo. Ukuba benza njalo, imo yabo izontshintshwa ngendlela ezala oluvuyo balukhangelayo."<sup>4</sup>

## **Amakhaya Azingqunge KuKrestu**

Sinemizekelo yamakhaya azingqunge kuKrestu kwizibhlalo ezingcwele. Emveni utata wakhe, uLihayi, wasweleka, uNifayi wathatha usapho lwakhe nabanye ababekholelwa kwizilumkiso nezityhilelo zikaThixo nakwamazwi kaNifayi, ebasusa kumhlaba wamaLeymenayithi. Kulendawo intsha, amaNifayithi ayekwazi ukugcina izigwebo, nemithetho, nemiyalelo yeNkosi kuzo zonke izinto, ngokomthetho kaMoses (bona 2 Nephi 5: 6-10). Abanye kwalapha kumaNifayithi baphela bengathobelanga.

Nangona amanye amalungu osapho lwethu angalahlekana nendlela

yobulingisa njenga maNifayithi, uMdali Scott wathi ikhaya elizingqunge kuKrestu lisa "nika ithe- mba loxolo nokhuseleko ekhaya." Wavuma ukuba "zininzi ingxaki neentliziyo ezivabuhlungu, kodwa nakumaxesha esidubedube, sisenoluva uxolo nolonwabo olunzulu."<sup>5</sup>

## **IziBhalo Ezongezelelweyo**

3 UYohane 1: 4; 1 Nifayi 8: 12; 2 Nifayi 5: 27

### **IZIKHUMBUZO**

1. *Handbook 2: Administering the Church* (2010), 1.4.2
2. Russell M. Nelson, "Umtshato Oselestiyali," *Liyahona*, yangoNovemba. 2008, 92.
3. Richard G. Scott, "Uxolo Ekhaya," *Liyahona*, Canzibe 2013, 30, 31.
4. Henry B. Eyring, "Imfundiso ze 'Usapho: Isibhengezo kulo iHlabathi,'" *Liyahona*, EyeNkanga 2015, 5, 6.
5. Richard G. Scott, "Uxolo Ekhaya," 31.

## **Cingisisa Oku**

Singenza njani ukuze siphile ngobulingisa kumasapho ethu?